Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

JANYUWARI 2018

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

Abantu bayaliwe ukuba balumkele ukuzibhaqa bengamaxhoba ezikrelemnqa ezingoozungul' ichele ngexesha leeholide zehlobo.

Njengokuba kuza kuqala iiholide zehlobo, uMasipala waseOverstrand uyala abahlali kunye nabachithi-holide ukuba babeke phambili ukhuseleko lwabo ngexesha leeholide zehlobo.

Izikrelemnqa zaziwa ngokuwalalela amaxhoba azo ngeli xesha lokuzonwabisa ngoko ke iindwendwe ziyacelwa ukuba zihlale zilumkile ngawo onke amaxesha ukuze zingazibhaqi zingamaxhoba ngeli xesha leeholide zehlobo.

Izinto ezifana neminxeba ephathwayo, izipaji, nezinye izinto zexabiso akufunekanga zishiywe zodwa okanye zibe sekuhleni. Ngokunjalo, abaqhubi-zimoto kufuneka bohlukane nokushiya nantoni na enexabiso phezu kwezitulo apho inokubonakala lula kumntu ongaphandle. Uyacetyiswa kambe ukuba izinto zexabiso elinjalo uzifake kwindawo yokugcina umthwalo engemva emotweni.

Kwakhona, xa kunokwenzeka ucinge ngokuhamba ecaleni konxweme ngelithi wolula imilenze okanye ulandele umlimandlela oqabela emaweni, yiba nomntu omxelelayo ukuba uya phi, nokuba uza kubuya nini.

IZiko loNkinkisho-manzi elizinze eRhawutini noGunyaziwe kuPhando lwaManzi lityelele i-Overstrand

Emfanekisweni ngaba balandelayo; nguHanré Blignaut (onguSekela-Mlawuli: kwiSebe lozobuNjineli noCwangciso), nguGodfrey Madzivire (kwiBhunga leNzululwazi ngesimo soMhlaba), nguPaul Lee (wase-Umvoto), nguShafick Adams (kuGunyaziwe kuPhando lwaManzi), nguDanny Kuya (weZiko loNkinkisho-manzi elizinze eRhawutini) noPatrick Robertson (nguMphathi: kwiZibonelelo ezisiseko saManzi noCoceko).

Ngomhla wama-29 kuNovemba 2017, abathunywa beZiko loNkinkisho-manzi elizinze eRhawutini noGunyaziwe kuPhando lwaManzi lityelele uMasipala waseOverstrand ukuze lifunde nzulu ngolawulo lwamanzi ngendlela elungelanisayo nokusetyenziswa kwemithombo yamanzi engaphantsi komhlaba.

IZiko lokuCoca aManzi ePreekstoel (i-WTW) luhlobo lokucoca amanzi lokuqala eMzantsi Afrika, i-Overstrand yenza isikhokelo esinokubonelwa ngabanye oomasipala malunga nokusetyenziswa kwemithombo yamanzi engaphantsi komhlaba (amanzi aphuma esweni).

U-Hanré Blignaut, onguSekela-Mlawuli kwiZiko lezobuNjineli noCwangciso wathetha ngemiceli-mngeni ephathelene nokuxabisa imithombo yamanzi nemiba yokugcinakala kwayo, waphakamisa ulawulo olongameleyo nokubekwa kwemimiselo.

U-Paul Lee wase-Umvoto, ngumcebisi ngamanzi aphuma phakathi kwamatye onikwe ikhontrakthi yokuba ancedise umasipala ekuphuhliseni indlela yokusebenza kwamaqula kamasipala, bancazelane ngokwazi izinto ezingumiceli-mngeni ekulawuleni amanzi aphuma esweni neendawo ezinamaqula amanzi ngoncedo loomabizw'asebele boomatshini abanobuxhakaxhaka bokukhupha iinkcukacha zifundwe ngoko nangoko.

Abathunywa bakhatshwa basiwa kwiZiko lokuCoca aManzi ePreekstoel (i-WTW) baboniswa enye yeeprojekthi eziphambili zikamasipala ekucoceni amanzi aphuma phantsi komhlaba, (okt.) indawo ephuma amanzi phantsi komhlaba eGatewayWell Field eHermanus, nguPatrick Robinson, uMphathi weZiseko zaManzi noMgangatho woCoceko.

Yintoni eyenza iZiko looMatshini bokuCoca aManzi ePreekstoel libe lelikhethekileyo?

Umsebenzi ongundoqo weZiko looMatshini bokuCoca aManzi ePreekstoel kukususa ukwakhela kwamachiza anobungozi i-iron nemanganese emanzini esitsala-manzi phantsi komhlaba phambi kokuba axutywe namanzi alungele ukuselwa asuka kwiDe Bos Dam. I-Ziko lasePreekstoel linomatshini ohluza izinto ezinobungozi empilweni osetyenziselwa ukususa ukwakhela kwe-iron ne-manganese kumanzi aphuma phantsi komhlaba. Lo matshini usebenza ngokuthi iintsholongwane eziluncedo ekutshabalaliseni i-iron nemanganese zikhuliselwe kwesi sihluzo. Ubumtyuba nobumuncu bamanzi ne-oksijini ekhoyo emanzini ziyalinganiselwa ukuze ezi ntsholongwane zikhule ngokukhawuleza.

Ukulungiswa kwendlela engu-R44 (i-Clarence Drive) kunqunyanyisiwe ngeli xesha lemibhiyozo neziyunguma zokuphela konyaka

ISebe leZothutho neMisebenzi yoLuntu (i-DTPW) liqalisile ngokulungisa indlela engu-R44 phakathi kweRooi- Els neGordon's Bay ngamaxesha athile. Kulindeleke ukuba le projekthi ingama-R59 ezigidi zeerandi igqitywe phakathi kunyaka ka-2018.

Le ndlela yagqibela ukulungiswa ngo-1985. Ngenxa yokuqhekeka kwetha nokonakala kweepavumente, lixesha lokuba ikrwelwe kwakhona ifakwe itha. Izinto ezakhelana nendlela ezifana namadonga enza ungqameko lomgaqo, ipavumente needawo zokukhuphela amanzi (iidreyini) nazo zifuna ukulungiswa. Le projekthi iza kubandakanya ukutyabekwa kweendawo eziqhekekileyo, ukulungisa iindawo ezonakeleyo, ukondlawa kwetha, ukulungisa imijelo enqamleza phantsi kwendlela nokusebenzisa iingxowa zesanti njengeziseko

Ukulungisa okuphela embindini wendlela (kwenza ukuba elinye icala lendlela livalwe) kuza kuba neendawo ezinophawu oluthi misa/hamba olulawula ukuhamba kwezithuthi, abaqhubi kufuneka balindele ukulibaziseka ngemizuzu eli-15 kwezi ndawo.

ISebe leZothutho neMisebenzi yoLuntu (i-DTPW) alisithelwanga yinto yokuba ulibaziseko luyacaphukisa, kodwa ke yinto engenakuncedwa mntu leyo, ulibaziseko lulindelekile xa kusetyenzwa. Naxa kunjalo, kodwa qiniseka ukuba abaqhubi nabahambi ngeenyawo baza kuhamba kamnandi bazive bekhuselekile kule ndlela.

Kambe abachithi-holide abasayi kuchatshazelwa ngumsebenzi wokulungisa indlela engu-R44, njengoko iindawo ezinophawu oluthi misa/hamba ziza kususelwa ecaleni okwethutyana ngeli xesha lokunyuka komthamo wezithuthi ezindleleni.

Ukususela ngomhla we-15 kuDisemba 2017 ukuya kuma ngomhla we-14 kuJanyuwari 2018 amacala omabini endlela ngokuhla nokunyuka kwezithuthi aza kuba esebenza. Indawo ezinophawu oluthi misa/hamba ziza kumiselwa kwakhona ngomhla we-15 kuJanyuwari 2018.

IGosa eliPhezulu kweZothutho e-Overstrand, uRudi Fraser, ucele uluntu ukuba luhlale luphaphile xa ebona uphawu lokhuseleko ezindleleni nokuba luqhube nge-santya esivumelekileyo njengoko umthamo wezithuthi ezindleleni ulindeleke ukuba unyuke phakathi komhla we-16 kuDisemba 2017 nomhla wesi-2 kuJanyuwari 2018.

• Isiseko sendlela esikumgangatho ophezulu ngoncedo lweSebe leZothutho neMisebenzi yoLuntu lilungu elincedisa inkqubo esebenza ngendlela ekhuselekileyo kwezothutho, nedala uphuhliso kwezentlalo noqoqosho kwiPhondo leNtshona Koloni.



Le ndlela ilungiswayo ibonakaliswe ngombhalo obomvu

ngeenurdle eziziimbumbulwana zeplastiki *isilumkiso*



UMasipala waseOverstrand ucele abantu basekuhlaleni ukuba baqaphele iiplastikana ezimilise okomhombiso ongangekhozo le-ertyisi ezingahle zibekhona elunxwemeni lolwandle banike ingxelo ukuze kulandelelwe imvelaphi yazo njengoko zinobungozi.

Ezi mbumbulwana zeplastiki- zaziwa ngokuba ziinurdles - zaqala zabonwa kunxweme lwaseGansbaai ngomhla wama-26 kuOktobha ingaphelanga iveki kukhutshwe ingxelo yokuba zibonwe ngobuninzi bazo zityekezwe kunxweme lolwandle eThekwini. Le nto yenzeke emva kokuba iikhonteyina ezithuthwa ngenqanawa nebe zithwele iitoni ezingama-49 eenurdles ziphuncuke kwinqanawa yakwaMediterranean Shipping Company (yakwaMSC), eqhawule amatyathanga kwindawo ebibotshelelwe kuyo yangqubana nenye inqanawa kwizibuko laseThekwini. Iikhonteyina zavuleka nomthwalo waqhaqheka, ze lo mbhodamo wakhuphela elwandle amakhulu ezigidi gidi zeenurdles.

ISebe lokuSingqongileyo eOverstrand lithi lizibonile iiplastikana ezimilese okomhombiso ongangekhozo le-ertyisi kunxweme lwaseGrotto nolwaseVoëlklip. "Ukuza kuthi ga ngoku zimbalwa iingxelo ezenziweyo ngokubonakala kwazo zityekeziwe kuwanxweme ethu. Kanti ke, unxweme lubekwe phantsi kweliso elibukhali nguMbutho wokuLondolozwa kooKrebe eMzantsi Afrika (i-SASC) nangamalungu eCape Whale Coast Hope Spot aquka iConservation Trust noMasipala," watsho njalo uTarron engqina le ntetho.

"UMbutho wokuLondolozwa kooKrebe eMzantsi Afrika (i-SASC) uthabatha isampuli enye ngeveki wenze uhlolo kwaye uyaqhagamshelana nabafuyi beembaza kwiifama ezikulo mmandla, uyabacela ukuba bakhangele izihluzo zabo ukuba azinazo na iiplastikana ezimilese okomhombiso ongangekhozo le-ertyisi," watsho esongezelela intetho yakhe.

Ingxaki

Ezi zitshabalalisi zihluphayo azipheli. Iiplastikana ezimilise okomhombiso ongangekhozo le-ertyisi ziyingozi kwizilwanyana njengokuba zona zicinga ukuba zizinto ezityiwayo. Ziyityhefu, ngaphaya koko azetyiseki ukuze ziboliswe ziintsholongwane - isiphelo sesokuba kuvaleke umetyiso, indlala, ekugqibeleni kulandele ukufa.

Okunye okuthi kwenzeke, kukuvaleka komxokomezelo wesihluzi ngamasutswana eplastiki nokuvingceka kwempefumla. Zikhangeleka okwamaqanda entlanzi, nto leyo efaka iintaka nezilwanyana zaselwandle engozini.

Zilahle ngendlela ekhuselekileyo

Xa kunokwenzeka udibane nazo ezi plastikana zimilese okomhombiso ongangekhozo le-ertyisi, nceda uqhagamshelane noSASC ngale nombolo 028 312 3029 okanye u-Dyer we-Island Conservation Trust ngale nombolo 082 907 5607, ungalibali ukuchaza ngokuthe nqo indawo ozifumene kuyo.

Iimbasa zokubhiyozela oomasipala abagcina ngohlaza

Emfanekisweni ngabathunywa baseOverstrand abafumene iindebe nezitifiketi egameni likamasipala (ukususela kwisandla sasekhohlo kuse kwisandla sasekunene): nguMike Bartman (liSekela-Mlawuli: kwiiNkonzo zoLuntu), nguJohan van Taak (nguMphathi: kwiZiko lokuThutha iNkunkuma), nguLauren Rainbird (Umlimi womyezo nomququzeleli weFlegi eluHlaza) noHanré Blignault (liSekela-Mlawuli: kwezobuNjineli noCwangciso).

Enye into atshila ngayo uMasipala waseOverstrand kukuphuma kwindawo yesibini kwi-Western Cape 2017 Greenest Municipality Competition! UMasipala waseSwartland (eMalmesbury), waphuma kwindawo yokuqala kolu khuphiswano, ze uMasipala waseHessequa (e-Riversdale) waphuma kwindawo yesithathu. I-Overstrand yagqwesa ayabinantanga kudidi lokuLawula ukuLahlwa kweNkunkuma, uLondolozo lwaManzi noLawulo lokusetyenziswa kwaManzi, kwanokuLawula ukuPhilisana kweZityalo neZilwanyana eNdalweni. I-Overstrand yaphumelela udidi lokuLawula ukulahlwa kweNkunkuma izihlandlo ezisixhenxe kule minyaka ilithoba idlulileyo kanti kule minyaka mihlanu idlulileyo yaphumelela uLawulo lokusetyenziswa kwaManzi izihlandlo ezine. Lo Masipala waphinda wahlonitshwa ngokusungula oovulindlela beeprojekthi zamanzi/zemisebenzi yamanzi (eza kuthabatha ixesha elide iqhuba nekhontrakthi yokugcina iinkonzo zamanzi zisebenza kakuhle) nokulahlwa kwenkunkuma, ('Yeka iplastiki yegrosa uCinge ngengxowa enokusetyenziswa ngokutsha') kwalapha kolu khuphiswano. Amabhaso kwiGreenest Municipality Competition Awards ayenikezelwa yiNkulumbuso yePhondo leNtshona Koloni uHelen Zille noAnton Bredell onguMphathiswa kuRhulumente waseKhaya, phantsi kweSebe leMicimbi yokuSingqongileyo nesiCwangciso soPhuhliso, kumsitho owawuseLord Charles Hotel eSomerset West ngomhla wama-27 kuNovemba. Kwintetho yakhe njengesithethi sembeko, uMphathiswa uBredell wathi: "Olu nikezelo lweembasa phantsi kweGreenest Municipality Competition Awards yindlela yokubhiyozela umsebenzi owenziwe ngokuzimisela nowenza ukuba iidolophu zethu zihlonipheke, nokukhuthala kwamagosa emsebenzini ngexesha ajongene nemicelimngeni, umoya wentsebenziswano nemizamo yokusebenzisa izibonelelo ngendlela ukuze kuxhamle uluntu." Izinto ezathi zajongwa ngexesha lokuthelekisa ooMasipala kwiGreenest Municipality Competition ziquka uLawulo lokulahlwa kweNkunkuma, ukuSetyenziswa kwaMafutha ngendlela enoqoqosho, uLawulo lokuPhilisana kweZityalo neZilwanyana endalweni, uLawulo lwendlela yokusetyenziswa kwaManzi noLondolozo, uLawulo lwendlela zoPhucula uMgangatho woMoya esiwuphefumlayo, iZakhono zobuNkokheli, uLungelaniso lweNkqubo zeMisebenzi kumaSebe kaRhulumente nokuThabatha inxaxheba kwiMicimbi yoLuntu. I-Overstrand khange yanele kukuphuma kwindawo yesibini kolu khuphiswano koko iye yazifumanela ibhaso lama-R70 000. Olu khuphiswano luququzelelwe liSebe leMicimbi yokuSingqongileyo nesiCwangciso soPhuhliso, kwaye ukususela ngoku luza kubanjwa emva kweminyaka emi-2 rhoqo, umjikelo ozayo sele ubekelwe ukuba ubanjwe ngo-2019.

Ababonaka labechulumancile emva kokuba befumene iSitifiketi soku Gqwesa ngokuPhuma kwiNdawo yeSibini ngaba balandelayo (ukususela kwisandla sasekhohlo ukusa kwisandla sasekunene) nguCoenie Groenewald uMphathi kuMasipala waseOverstrand, nguStephen Müller onguMlawuli wobonelelo lweZiseko noCwangciso noDudley Coetzee onguSekela-Sodolophu weSigqeba.

IQONDO LOKU- UKUCUTHELWA IMFUNEKO YESIQHELO YAMANZI KUYAQHUBEKA

Njengoko umthetho wokucuthelwa imfuneko yesiqhelo yamanzi sele uqalisile ukusebenza kummandla weGreater Hermanus ukususela ngomhla woku-1 kuNovemba 2017, i-Overstrand yona ayikafakwa phantsi kwalo mthetho kwaye ukunika ingxelo yokuba abahlali balisabele ikhwelo kuyasivuyisa, iinzame zabo azibuyi zilambatha. Nceda uqhube nokulandela le miqathango ilandelayo ngezantsi apha, phantsi kolondolozo lwamanzi nolawulo lokudingwa kwamanzi ngexesha lokubhiyozela iiholide zehlobo:

- Akukho mntu uya kuthi ankcenkceshele igadi, amabala okudlala, iipaki, nayiphi okanye eminye imimmandla enengca esebenzisa amanzi okusela. Kanti ke inyoba ekhoyo, unokuyisebenzisa phantsi kwezi meko:
  - Unokuwasebenzisa amanzi ungadluli kwiyure enye ngosuku, phambi ko-09:00am okanye emva ko-17:00pm, iintsuku zibe mbini ngeveki.
  - Izindlu ezinombolo zazo zibala ngeZibini kufuneka zisebenzise amanzi ngolu hlobo ngoLwesithathu nangeCawe KUPHELA.
  - Izindlu ezinombolo zazo zibala ngeMiqakathi kufuneka zisebenzise amanzi ngolu hlobo ngoLwesibini nangoMgqibelo KUPHELA.
- Umbhobho wokunkcenkceshela osetyenziselwa ukuhlamba imoto nesikhephe mawufakwe isixhobo esizilawulayo esizivala ngokwaso.
- Akuvumelekanga ukuhlamba amabala esamente okanye iipavumente ngamanzi okusela.

Izinto ezivumelekayo

- Ukunkcenkceshela kwindawo ethengisa izityalo ngeenjongo zokushishina kuvumelekile.
- Ukuba iklayenti isebenzisa nawuphi umthombo, indawo yomthombo, isitsala-manzi ngaphantsi komhlaba kunye nendawo egrunjiweyo kwisakhiwo nomhlaba wakhe kufuneka axhome uphawu loko kwindawo ebonakalayo kwipropati.

Imibuzo mayithunyelwe kuNkszn. A Bayley ngale nombolo yomnxeba. 028 313 8972 okanye nge-imeyile kule adresi depdircomsec@overstrand.gov.za

IFLEGI ELUHLAZA *IPHEPHEZELA EMOYENI*

UKutyikitya okusemthethweni- amalwandle amathathu eOverstrand anikwe ilungelo lokuphephezelisa iFlegi eluHlaza yodumo kwezi holide zehlobo. Imisitho engumfuziselo nekhawulelana nexesha lokuphephezela kwale Flegi iluHlaza yenziwe kulwandle lwaseGrotto, eHawston naseKleinmond ngomhla wama-30 kuNovemba 2017. Ezi Flegi ziphephezelayo ziza kusebenza njengophawu olubonisa abantu bokuhlala neendwendwe ukuba la maziko aphephezelisa ezi Flegi azihlangabeze ngempumelelo iimfuno zabagwebi ngoko abeka kumgangatho wokuhlonitshwa ngokucoceka, ngokukhuseleka, nangokukholisa uthando kosingqongileyo.

Enye into esinokuyikhankanya yeyokuba leNkqubo yeFlegi eluHlaza yenzelwe ukuba ifundise ngokugcina indawo zethu kosingqongileyo zisemgangathweni nokufundisa uluntu ngokubaluleka kokugcina amanxweme ethu ecocekile. Le nkqubo ihamba ibenendawo ethi iisampuli zamanzi zithathwa ngamaxesha amiselweyo kwaye ilebhu ezimeleyo (engekho phantsi kolawulo lombuso) kufuneka ibe yiyo ehlola iisampuli zamanzi aselwandle. Amanxweme aseCastle Beach nasePearly Beach nawo afumana ukuhlonitshwa ngokuthi anikwe i-Pilot Status. Ethetha kumsitho weFlegi eGrotto, iLungu leeNkozo zoLuntu kwiKomiti kaSodolophu noSihlalo wePotofoliyo eyongamele iimcimbi yeFlegi eOverstrand uCeba Andrew Komani, wabancoma abaxhasi, amaqela entsebenziswano nabo bonke abathi banegalelo ekuqinisekiseni ukuba i-Overstrand ifikelela kwinqanaba lokuba ihlonitshwe ngeFlegi eluHlaza iminyaka ilandelelana. "I-Flegi eluHlaza inexabiso elikhulu xa sikhangela kwicala lozoqoqosho nezokhenketho. Abakhenkethi batsalwa kakhulu ngamanxweme aphephezelisa iFlegi eluHlaza ngenxa yokuba bayazi ukuba inentsingiselo eyiqulathileyo," watsho uKomani esongeza. Ngoko ke abantu bokuhlala neendwendwe siyabacela ukuba bawasebenzise ngenkathalo la maziko. Sukulibala ukulondoloza iindawo ezinamalwandle namanxweme nobukho bakho mabuntanywa lungcoliseko olushiya ngasemva," wagqibezela ngokutsho. Ulwandle lwaseGrotto luza kubekwa kumgangatho weFlegi eluHlaza ngomhla woku-1 kuDisemba. Luza kuhlala lusaziwa ngalo mgangatho de kufike umhla wama-31 kuMatshi 2018. Ngokubhekisele eHawston naseKleinmond, ukubekwa kulo lo mgangatho kuza kusebenza ngomhla we-15 kuDisemba de kufike umhla we-15 kuJanyuwari 2018. E-MzantsiAfrika, le nkqubo iququzelelwa nguWESSA (i-Wildlife and Environment Society of South Africa) ngokubambisana noomasipala abazigqatsileyo. Kulo nyaka ngamalwandle angama-44 eMzantsi Afrika athe ahlonitshwa ngokubekwa kumgangatho weFlegi eluHlaza, amalwandle angama-28 anikwe eli wonga ngawePhondo leNtshona Koloni. Eli nani longezelelwa ngamalwandle angama-22 abekwe kwi-Pilot Status. Ukubekwa kumgangatho weFlegi eluHlaza kwamalwandle aphumelele ngokusemthethweni kuhambisana nexesha lonyaka elichongwa ngabathathi nxaxheba. Ulwadle olo lungabekwa kulo mgangatho weBlue Flag isithuba senyanga enye kungenjalo isithuba seenyanga ezili-12. Ulwandle lwaseGrotto lufumene ukubekwa kulo mgangatho weFlegi eluHlaza iminyaka eli-17, ngeli xesha ulwandle lwaseHawston naseKleinmond afumene ukubekwa kulo mgangatho weFlefi eluHlaza iminyaka eli-12.